PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISICELO SOKUPHAKANYISWA KWAMAGAMA ABAGQATSWA

UKUQESHELWA KWAMALUNGU AMATHATHU KWIBHODI YEZIKO LOSASAZO LOMZANTSI AFRIKA (I-SABC)

Amaziko kunye/okanye abantu bayamenywa ukuba baphakamise amagama abagqatswa abaza kuvala izithuba ezithathu zamalungu angengawo awesigqeba kwiBhodi yeZiko loSasazo loMzantsi, njengoko kumiselwe liCandelo le-13 loMthetho woSasazo, onguNombl 4 wowe-1999.

Iziko loSasazo loMzantsi Afrika lamiselwa ngokoMthetho woSasazo (wowe-1936) njengeshishini likarhulumente elinikezela ngeenkonzo zosasazo zikanomathotholo nezikamabonakude zoMzantsi Afrika.

Ngamalungu eBhodi, xa ethe ajongwa ngokuhlangeneyo, kufuneka babe ngabantu:

- abakufaneleyo ukusebenza kwiBhodi ngokungqinwa ziziqinisekiso zabo zemfundo, abaziingcali nabanamava kwicandelo lomgaqo-nkqubo kunye nobuchwephetshe bokuchola-chola iindaba, imimiselo-siseko yosasazo, kwimithetho yosasazo, kumsebenzi kunye nezimali zolu shishino, urhwebo, ubuntatheli, ukonwabisa kunye nokufundisa, imiba yoluntu kunye neyemisebenzi
- abazinikeleyo ekwenzeni ngokungenamkhethe, abangoyikiyo ukuvakalisa uluvo lwabo, abaziyo okuba uluntu kufuneka lwazisiwe, nabavulelekileyo kwaye bezimisele ukuthatha uxanduva kwinxenye yabo babambe kwi-ofisi yoluntu
- bamele icandelo lilonke ngokubanzi loluntu lweRiphabhliki
- abazinikeleyo kwiinjongo kunye nemithetho-siseko njengoko kuchaziwe kuMqulu waMalungelo we-SABC
- abangabemi boMzantsi Afrika abahlala ngokusisigxina kwiRiphabhliki.

Iimbalelwano zokuphakanyiswa kwamagama abagqatswa kufuneka ziqulathe igama elipheleleyo kunye nedilesi yeziko kunye/okanye umntu ophakamisa igama, isiphakamiso esamkelweyo esityikitywe ngulowo ungumgqatswa kunye neCurriculum Vitae yakhe, enikezela ubuncinane bezi nkcukakacha zilandelayo:

- igama elipheleleyo, inombolo yeSazisi kunye nesini
- idilesi yoQhagamshelwano, iinombolo zomnxeba nezefeksi kunye nedilesi ye-imeyili
- amava angaPhambili (achaza imihla kunye namaziko abesebenza kuwo)
- Iikopi eziqinisekisiweyo zamaxwebhu eziqinisekiso zemfundo kunye nesazisi.

Izibhakamiso ezibhaliweyo kunye nemibuzo kufuneka zithunyelwe kuNobhala weKomiti, u**Mnu Thembinkosi Ngoma**, weKomiti eJongene neMicimbi yezoNxibelelwano, 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town, 8000 okanye zi-imeyilelwe ku **tngoma@parliament.gov.za** okanye zifekselwe ku-**0865225740**. Imibuzo ngomnxeba ingenziwa ku-**(021) 403 3733.**

Umhla wokuphelelwa wokuchongwa kwabagqatswa: nguLwesihlanu, umhla we-30 kweyeSilimela 2017 nge-16:00.

Nceda uqaphele ukuba abagqatswa banga tyunjwa ngokuthi kujongwe iinkcukacha zemfundo nokufaneleka kwabo ukwenzela ukhuseleko. Iziphakamiso ezifike emva kwexesha azizukunikwa ngqwalasela.

Sikhutshwe nguMnu CHM Maxegwana, iLungu lePalamente – uSihlalo weKomiti eJongene nezoNxibelelwano.

Parliament. Making Democracy Work

www.parliament.gov.za